



## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 11

NOVEMBA 2019

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P2

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali-16

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha LINAMACANDELO amaTHATHU:

ICANDELO A:	Inoveli	(35)
ICANDELO B:	Idrama	(35)
ICANDELO D:	Imibongo	(35)
4. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.
5. Phendula imibuzo ibe miBINI iyonke, umbuzo NGAMNYE ukhethwa nakweliphina icandelo kula: A, B, no C.

ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

ICANDELO B: IDRAMA

Phendula imibuzo kumabali OMABINI abuziwneyo

ICANDELO C: IMIBONGO

Phendula imibuzo ebuziwneyo YOMIBINI.

6. Sebenzisa uluhlu lokukhangela lakukunceda.
7. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
10. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

### ICANDELO A: INOVELI

**Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.**

INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1. <i>Vuleka Mhlaba</i>	1	35	5–8

**OKANYE**

### ICANDELO B: IDRAMA

**Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.**

2. <i>Idayimani icholwa eluthulini</i>	2	35	9–12
--	---	----	------

**OKANYE**

### ICANDELO C: IMIBONGO: ISIHOBE SE-AFRIKA ENTSHA – N Gidi (Umhleli)

**Phendula imibuzo YOMIBINI kweli Candelo.**

INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
3.1 A-a-a! Mama wesizwe	3.1	18	13–14
3.2 Uthando lobuzali	3.2	17	15–16

## ULUHLU LOKUKHANGELA

Kunyanzelekile ukuba ujongsise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A INOVELI (Vuleka Mhlaba!)	1	1	
<b>OKANYE</b>			
B IDRAMA (Idayimani icholwa eluthulini)	1	1	
<b>OKANYE</b>			
C IMIBONGO (Isihobe seAfrika Entsha)	2	2	

**QAPHELA:** Phendula imibuzo ibe miBINI nakweliphi na icandelo kula: A, B, no C.

## ICANDELO A: INOVELI

### UMBUZO 1 (UMBUZO OMFUTSHANE)

#### VULEKA MHLABA: NCEDILE SAULE

##### ISICATSHULWA A

1.1 Funda isicatshulwa esingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Uhambe nje umganyana, wakhumbula ukuba ebezithembise ukuya kukroba ingcwaba likaDora awayesiwe kulo nguMalume **ukubhungca** kwakhe etrongweni ukuze ke ayokubeka ilitye. Kubekho nje into ethi makhe aye kulo phambi kokungena ecaweni, nexesha lalisavuma.

Imoto ithe phinye phinye gweje yaya kufika. Esangweni ufile kukho umfana othengisa iintyatyambo, wamjonga, wafaka isandla engxoweni eza kuthenga. “Hayi suka, ndingenwe yintoni na mna, ndazenza umlungu,” wayibuyisela engxoweni imali, wacela uxolo kumfana lowo, wahlaba ngendlela eya kwicala elikulo idlaka. Imcingise kakhulu into esele ithathelwe phezulu ngabaninzi abamnyama, bengayazi nentsingiselo yayo oko nje bayibone isenziwa ngabasemzini.

Ngelo xesha kanye, phaya ecaweni, zazibonakala zithontelana izihlwele. USaqhwithi wafika ehamba yedwa ngala Benz yakhe imbala ungwevu, umfo omkhulu eqwanye ngathi uza kumbona uYesu esithi thu. UNgalu naye wayehamba yedwa njengoko wayeqhele ukwenza. Ukuba uhamba nomntu iyakuba yilaa ntombi yakhe yayikwaligqwetha nayo, kodwa ingelilo elasezinkundleni zamatyala. Intokazi yayingunothimba owaziwayo.

Wabehle wagaleleka naye uNoziqhamo erhuqa ityendyana elalisandula ukufika aphi eKapa, uMphemba umfo kaNtuli wakwelakwaZulu. Wayesandula ukufika njengomxelengi eDyunivesithi yaseKapa kwicandelo lezopolitiko. Babebahle bekhangeleka befanelene.

Umsebenzi wokumqhelisa edyunivesithi naseKapa jikelele wanikelwa kuNoziqhamo. Yiyo loo nto babedla ngokubonwa bekunye amaxesha ngamaxeshwa kwiindawo ezininzi.

1.1.1 Wayebanjelwe ntoni uBantu? (1)

1.1.2 Nika intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

- 1.1.3 Imtyhila njengomntu onjani uBantu ingcinga yakhe ekrwelelw umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)
- 1.1.4 (a) Mfanekiso ngqondweni mni oqaqaniswa ligama elikrwelelw umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi? ‘zaya zithontelana izihlwele’? (1)
- (b) Chaza okupuhhliswa ngumfanekiso ngqondweni owuxele kuMbuzo 1.1.4(a). (2)
- 1.1.5 Tshatisa isikhundla somlinganiswa esikuKHOLAM A kunye negama lakhe elikuKHOLAM B.

<b>KHOLAM A</b>	<b>KHOLAM B</b>
(a) Umtshutshisi kwityala likaBantu.	nguMbokotho.
(b) Umphathi sikhululo samapolisa	nguBonakele
(c) Ipolisa eliphanda ityala likaBantu	nguSaqwithi

(3)

- 1.1.6 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwizibiyeli. Inqanaba lesakhiwo elikulo ibali ngokwesi sicutshulwa (lelovuthondaba/ lelokuyondelelana kwezinto) (1)
- 1.1.7 Chaza okwathi kwenzeka akuba engene ecaweni uBantu ngale mini. (2)
- 1.1.8 Buye babaluleka ngantoni ubukho bukaNoziqhamo ecaweni ngale mini? (2)
- 1.1.9 Khankanya zibeMBINI iimpawu ezimenza acaphukeleke uJolela kweli bali. (2)

[18]

**KUNYE**

## 1.2 ISICATSHULWA B

Lo mfanekiso uBantu waya kungena nawo ngaphakathi ingqondo yakhe ihlaziyeke kanye **okweziya ntaka** nezityalo emanzini. Indoda eyabamkelayo yayibazi naye eyazi, umfo wakwaMazwi uJola, inene lamanene kwaziwayo eKapa.

Bawubeka umcimbi abawuhambeleyo wabe esithi, “Hayi uDlamini ukho akukho nto anayo naxa asuke aphaphazele ngamanye amaxesha. Akakho kweli qela lilapha phandle kuba imeko yakhe isabekwe esweni. Apho imvuke khona le nto anayo, usuka afune ukuqhawula abaleke, kodwa ke sisamcenga,” engalibazisanga waphuma esiya kumlanda emva kokwalatha igumbi apha kudityanelwa khona zizigulana nabo bazihambeleyo.

Beva ngamazwi bengekaveli, bothuka ukuba umntu ekuthiwa uphambene athethe kakuhle ngolo hlobo.

“Oo! Hayi ndiyamazi uMnumzana Zathu kakhulu, ngumhlobo wam lowo,” akuggiba wahleka kamnandi uDlamini.

“Tyhini! Bendingayazi loo nto Dlamini. Kutheni ungakhange undixelete into ebaluleke kangaka?”

“Hayi bendicinga ukuba uyayazi loo nto Mhlekazi. Andithi ebelapha nakule cawa iphelileyo eze kundibona?”

“Hayi khange ndimbone. Kaloku bendingekho edyutini mna kule veki iphelileyo.”

“Makube mhlawumbi yiloo nto,” watsho evula ucango uMazwi elandela ngemva uDlamini. Wayemi ngasemnyango uMazwi ngeli xesha uDlamini ahlala phantsi emva kokubulisa amehlo akhe ejonge kuNoziqhamo engamjonganga uBantu owayehleli phantse qelele ngenxa yendlela ezibekwe ngayo izitulo.

- 1.2.1 Luhlobo luni lwasibhedlele olu wayegcinwe kulo uDlamini? (1)
- 1.2.2 Nika isizathu esasimbangele ukuba uNoziqhamo akubone kuyimfuneko ukuba bamndwendwele uDlamini lo. (2)
- 1.2.3 Cacisa ukufaneleka kokusetyenziswa kwesifaniso esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)
- 1.2.4 Ingaba intetho kaMazwi ekrwelelwe umgca ngaphantsi iyichaza ngokuchanekileyo imeko kaDlamini? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.5 Tyhila ubugqebelo kwintetho kaDlamini yokuba ungumhlobo omkhulu kaBantu Zathu. (2)

- 1.2.6 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwizibiyeli. Udidi lomlinganiswa alulo uNoziqhamo kule noveli ...
- A Ungavalithuba  
B Ungumxhasi  
C Ulikholwane  
D Uyintloko (1)
- 1.2.7 Cacisa umbhodamo owaqhube kayo akuba uDlamini ejongene noBantu kwesi sicatshulwa. (2)
- 1.2.8 Chaza indlela olwamchaphazela ngayo olu tyelelo uNoziqhamo. (2)
- 1.2.9 Kuphele kusenzeka ntoni ngoJolela ebalini? (1)
- 1.2.10 Phawula ngokufaneleka kwesihloko sale noveli. (2)  
**[17]**

**AMANQAKU ECANDELO A:** 35

**OKANYE**

**ICANDELO B****UMBUZO 2****IDAYIMANI ICHOLWA ELUTHULINI: ZAMA A. JAPHTA**

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

Nonkuthazo:	Yhu! Hay'bo! Ngumntu waphi lo ulele etywaleni? Suka, vuka wethu bhuti wabantu. Musa ukuzihlaza ngokulala etywaleni. <i>(Edlikidla uMfanelo.)</i>
Nomthombo:	<u>Phandle xa ninonke!</u> Ndiyalala ngoku! Bamba ngapha wena <u>Nonkuthazo sikhuphe eli nxila letitshala.</u>
Mfanelo:	<i>(Esesebuthongweni botywala)</i> Jo-ngan'apha nina nobabini. Ndiyekeni mna.
Nonkuthazo:	Shem, kazi baphiabantu bakowabo? ( <i>Bampifikamise</i> )
Mfanelo:	Ndi-ndiyekeni maan, <b>niyandikhuthuza</b> , ezi-zi-le-rha!
Nomthombo:	Walahlwa ngumfazi nabantu bakokwenu ngapha eQamata ngenxa yokunxila. Into oza kuyibona ngoku kukugxothwa nakulo msebenzi.
Nonkuthazo:	Thu- ( <i>ekhutywa</i> ) thula wena!
Nomthombo:	Suka! Hamba! ayisosibhedlela esi, kuyaselwa qha apha akulalwa.
Nonkuthazo:	Mbambe kakuhle wethu Sis'Nomthombo, lusizi olu. Uhlala phi khona kuhlwile nje?
Nomthombo:	Hee... utheni na Nonkuthazo, ityhontyi ikwenza imfesane? Lo nguMfanelo Gontsi wase <i>St Marks</i> eQamata, uhlala kulaa magumbi akwaMhlabolungile, ukuba akakagxothwa, ndlela le anxila ngayo.
Nonkuthazo:	Kazi uza kuwela njani na emfuleni, njengoba kusiwe kangaka kule lali.
Mfanelo:	Ikhaya le-lendoda lilapho ihlwelwe khona, okanye ecaleni kwendlela.

Nomthombo:	Nantso ke into oyaziyo, kukufuna ukuhamba ulala. Kanti uncamile ke ngokuhlwa nje, akusoze ulale apha kwam.
Mfanelo:	Ngu-ngubani eli nenekazi, Nomthombo?
Nomthombo:	Kha uphume kwam wethu, ndifuna ukulala, andonanga ngokuthengisa utywala.
Mfanelo:	Ma-ma-masihambe sana, umthombo wa-wamanzi osizi wophusile.

- 2.1.1 Wayeyintoni yena uNonkuthazo apha kwaNomthombo? (1)
- 2.1.2 Imtyhila njengomntu onjani uNomthombo intetho yakhe ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.1.3 Nika intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)
- 2.1.4 (a) Mfanekiso ngqondweni mni oqaqanjiswa ligama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi?  
‘Thu- (ekhutywa) thula wena?’ (1)
- (b) Chaza okupuhhliswa ngumfanekiso ngqondweni owuxele kuMbuzo 2.1.4(a) (2)
- 2.1.5 Tshatisa isenzo somlinganiswa esikuKHOLAM A kunye negama lakhe elikuKHOLAM B.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Wayeqinisekisa ukuba uMfanelo akalahlekela ngumsebenzi wakhe.	(i) nguMnu. Ntsasa
(b) Wayefuna kugxothwe uMfanelo ukuze kuqeshwe umtshana wakhe.	(ii) nguSazizo
(c) Wathunywa ukuba ayokuphuthuma uMfanelo eMthatha.	(iii) nguMnu. Cingo
	(iv) nguMnu. Luvuyo

- 2.1.6 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwizibiyeli. Inqanaba lesakhiwo elikulo ibali ngokwesi sicutshulwa (luyondelelwano lwezinto/ yingabula zigcawu.) (1)
- 2.1.7 Chaza okwathi kwenzeka bakuba bephume kwaNomthombo uMfanelo noNonkuthazo. (2)
- 2.1.8 Buye babaluleka ngantoni ubukho bukaNonkuthazo emzini wotywala ngobu busuku? (2)
- 2.1.9 Khankanya zibeMBINI iimpawu ezimenza acaphukeleke uSaziso kweli bali. (2)

[18]

**KUNYE**

## ISICATSHULWA D

2.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

*(Uphume uNonkuthazo waya kungena kwaMaRhadebe. Ufike ehleli yedwa, bancokole bobabini.)*

- |              |  |
|--------------|--|
| Nonkuthazo:  | Nkqo! Molweni, ninjani Sis' MaRhadebe? Ndiphelelwe ngumgubo, khanindiphe bethuni.  |
| MaRhadebe:   | Molo ntombi. Musa ukuhlekisa ngathi sakuggiba silamba. Ngubani na ntombi lo ebengena kwakho? Usuke wafana noMfanelo koko ndixakwe bubude obu kuye.           |
| Nonkuthazo:  | O, utsho laa bhuti? Yhu bayafana abantu bomntu ezweni. Ndothuke ndaphantse ndawa ndakumbona engena. Ngumkhuluwa kaMfanelo, uze kumbona.                      |
| MaRhadebe:   | Inene? Aza <b>angen'amanz'endlwini</b> . Uze kumbonela ntoni na ntombi, kukho into embi?   |
| Nonkuthazo:  | Andikhange ndibe sabuza wethu. Kodwa ingathi uze kumbona nje.  |
| MaRhadebe:   | <u>Hayi ke wena ngobuntwana obu</u> . Inene akuluqondi ukuba luthetha ntoni olu tyelelo?   |
| Nonkuthazo:  | Owu! Inanto na Sis' Rhadi into yokuza kubonwa kukaMfanelo ngabantu bakowabo?   |
| MaRhadebe:   | Unani na lo mntwana. Bebekade behleli phi ixesha eli? Akuboni ukuba baze kukoxutha intlaka emlonjeni? Baze kunahlukanisa noMfanelo, ayikho kaloku enye into. |
| Nonkuthazo : | Utsho na Sis'Rhadi?  |
| MaRhadebe :  | Kunjalo kanye! Ayikho enye kunjalo nje. Baze kukoxutha indoda wakuggiba ukuyiphucula.  |
| Nonkuthazo : | Uyabona ke Sis' MaRhadebe, ndanditshilo ukuba uya kuhamba lakufika ithuba loko uMfanelo.   |
| MaRhadebe :  | Uya kuhamba xa uyokukha iimbotyi phi na wena? UMfanelo wazicholela wamchuba, ngoko ngowakho. Musa ukuvumela mntu akoxuthe yena.                              |
| Nonkuthazo : | Ndale naye nakubantu bakokwabo kaloku? Noko ndakuba ndigabadele ke ngoku.  |
| MaRhadebe :  | Kubo kanye! Kaloku ooNomthombo ibizizithukuthuku nje eziphelel'eboyeni. Naba abona baza kukuva ukomelela. Qula ke uqiniseke.                                 |

- 2.2.1 Xela ubeMNYE umsebenzi owenziwa zizalathisi zeqonga kwesi sicatshulwa. (1)
- 2.2.2 Nika isizathu esasimbangele ukuba uNonkuthazo akubone kuyimfuneko ukuba andwendwele kwaMaRhadebe. (2)
- 2.2.3 Cacisa ukufaneleka kokusetyenziswa kwesafobe esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)
- 2.2.4 Ingaba intetho kaMaRhadebe ekrwelelwe umgca ngaphantsi imchaza ngokuchanekileyo uNonkuthazo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.2.5 Tyhila ubugqebelo kubudlelwana obabuphakathi kukaNonkuthazo nosapho lukaMfanelo. (2)
- 2.2.6 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwizibiyeli. Udidi lomlinganiswa alulo uMaRhadebe kule drama ...
- A    Unguvalithuba  
 B    Ungumxhasi  
 C    Ulikholwane  
 D    Uyintloko (1)
- 2.2.7 Cacisa umbhodamo owaqhubekeyo akuba uSaziso edibene noMfanelo. (2)
- 2.2.8 Chaza indlela olwamchaphazela ngayo utyelelo lukaSaziso uNkosikazi Gontsi ongunina. (2)
- 2.2.9 Kuphele kusenzeka ntoni ngoMfanelo emsebenzini wakhe ebalini? (1)
- 2.2.10 Phawula ngokufaneleka kwesihloko sale drama. (2)
- [17]

**AMANQAKU ECANDELO B:** **35**

### OKANYE

## ICANDELO C: IMIBONGO

Phendula yonke imibozo esetwe kuyo yomiBINI imibongo oyifundileyo, oko kukuthi uMbuzo 3.1 noMbuzo 3.2.

### UMBUZO 3 ISIHOBE SE-AFRIKA ENTSHA: PN GIDI

3.1 Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi uze uphendule imibozo elandelayo.

<b>A-A-A! MAMA WESIZWE- T. MATOTO</b>		
1	Kaloku bath'abakowen'unguNomzamo.	1
2	Kalok'umnw'ukwalathel'omhle won'umzamo.	
3	Kwamlungu <u>bathi</u> Winnie, ngesiXhosa <u>sith'</u> unguNowinile.	
4	Kaloku wena iintliziyo zakwaNtu uziwinile.	
5	Ulwazi, uvelwano kwanobugag'ubunikiwe.	
6	Maz'ebele lide yaseAfrika,	2
7	Eth'ukwanyisa kuhluth'onk'amaAfrika	
8	Ijonikazi Iona lokuhlab'ibuyambo,	
9	Lifunze kwafayayo lang'alinabambo.	
10	Liwuhlab'umkhosi kushukume zonk'iimbombo.	
11	Uthe ungowasebukhosini wakheth'ukuhlupheka ngenxa yeSizwe,	3
12	Wath'ukuzinikela kwakho wang'awunabantwana bangabakho.	
13	Wath'ukungazoyikiseli wang'awunabantwan'obakhulisa	
14	ngaphandle kwendoda.	
15	Awabuyamva nax'izitshovutshovu zocalucalulo zifun'esiqwini	
16	kuwe ngerhuluwa.	
17	Awuthobanga mxakatho nax'iziphathamandla zikunyelisa	
18	zikwenz'ikheswa.	
19	Kweli xesha lenxolazwe ndithi mandikubonge ndityibele.	4
20	Makuthethwe kaloku ngeqhawekazi lithiwe jize ngeembasa.	
21	Mzi kaNtu ningamlibali kalok'umzukulwana kaMadikizela.	
22	Ningathi nakungcam'l'amasi nobusi niyilibale imizamo kaNomzamo.	
23	Khahlelani kaloku nimnike kwiziqhamo zemizamo yokubaluleka	
24	kwakhe.	

- 3.1.1 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwizibiyeli. Isihloko salo mbongo (sinesingqisho/ sinesikhahlelo.) (1)
- 3.1.2 Xela isixhobo sohlalutyo esibhalwe ngqindilili kumqolo woku-1 nowesi-2 kulo mbongo. (1)
- 3.1.3 Kuqaqambisa ntoni ukusetyenziswa kwamagama akrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wesi-3 walo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 3.1.4 Khankanya sibesiNYE isizathu esimbangela ukuba lo ubongwayo athandeke kuluNtu jikelele. (1)
- 3.1.5 Tolika okuthethwa ngumqolo wesi-6 nowesi-7 walo mbongo. (2)
- 3.1.6 Chonga igama elikwisitanza soku-1 elisixeleta ukuba lo ubongwayo wafumana uqequesho Iwasemkhosini. (1)
- 3.1.7 Nika ingcinga ephambili yesitanza sesi-3 salo mbongo. (2)
- 3.1.8 Liliphi eli xesha ‘lenkxolazwe’ ibhekise kulo imbongi kumqolo we-19? (1)
- 3.1.9 Thelekisa isakhiwo sangaphandle sesitanza sesi-2 neso sesitanza sesi-4 salo mbongo. (2)
- 3.1.10 Ibhekiswa kubani imiyalezo ekwimiqolo yama-21 ukuya kowama-23 kulo mbongo? Xhasa impendulo oyinikileyo. (2)
- 3.1.11 Xhasa imbono yokuba lo ngumbongo oncomayo. (2)

[18]

**KUNYE**

3.2 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

<b>UTHANDO LOBUZALI : MMM DUKA</b>		
1	Thando lobuzali, thando oluyinqobo.	1
2	Thando olungumangaliso elibuThixorha.	
3	<u>Lugubungela njalo okolwandle</u>	
4	Zonke iimpazamo zethu.	
5	Luxhalabile <b>bubuthathaka babantwana balo.</b>	2
6	Londla neenkedama ezizimo zicekethekileyo.	
7	Londla ngobusi nentusi eyiyo	
8	Ubusi nobisi lwemfesane yenene.	
9	Lusiso isiseko sobuntu bethu.	3
10	Sakuhexa eso siseko kushukuma ilizwe.	
11	Ziwe zidilike ezinye izizwe.	
12	<u>Zibhange ziphele zibhubhe emhlabeni.</u>	
13	Obu bomi obunamakrele.	4
14	Neentsini ezingamakrele.	
15	Olu thando yinkuselo kumakrele.	
16	Lulikhaka nekrele kumzabalazo wokuphila.	
17	Ndithini na ukuthetha ngalo olu thando?	5
18	Lufikelela mbombo zone zehlabathi.	
19	Lunabantwana abayintlاباتhi yehlabathi.	
20	Luneminqweno emihle okweenkwenkwezi zezulu.	

- 3.2.1 Kutheni imbongi isithi uthando lomzali ‘lubuThixorha’ kumqolo wesi-2 walo mbongo? (2)
- 3.2.2 (a) Xela umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elikrwelelw  
umgca ngaphantsi kumqolo wesi-3 walo mbongo. (1)
- (b) Chaza okupuhliswa ngulo mfanekiso ngqondweni  
Uwuxele kuMbuzo 3.2.2(a). (2)
- 3.2.3 Xela isixhobo sesandi esibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-5 kulo mbongo. (1)
- 3.2.4 Caphula umqolo oxhasa ulovo lokuba uthando lomzali lunovelwano. (1)
- 3.2.5 Kuqaqambisa ntoni ukulandeelaniswa kwezenzi ezikrwelelw  
umgca ngaphantsi kumqolo we-12? (2)

- 3.2.6 Chonga igama eliphindaphhindwe ngenjongo yokutyhila ukuba ubomi bunzima. (1)
- 3.2.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Kumqolo we-18 imbongi ithetha ukuba uthando lomzali lufikelela ...
- A Kumaphondo onke.  
B Kumazwe onke  
C Kumasebe onke  
D Kumaqela onke (1)
- 3.2.8 Phawula ngokufaneleka kwesafobe esisetyenziswe kumqolo we-17 walo mbongo. (2)
- 3.2.9 Tolika okuthethwa ngumqolo we-19. (2)
- 3.2.10 Chaza imfundiso yalo mbongo. (2)

**AMANQAKU ECANDELO C:** 35  
**AMANQAKU EWONKE:** 70  
[17]